

INcwadana yoHlolo


IBANGA

2

ISIXHOSA

ULWIMI LWASEKHAYA

IKOTA 1 & 2





INcwadana yoHlolo

IBANGA 2 | IKOTA 1 & 2

ISIXHOSA

Iziqulatho

UVAVANYO LOKUFUNDA NGOKUVAKALAYO NGOTYIBILIKO: UVAVANYO JIKELELE	1
IKOTA 1	9
IKOTA 1 IIMVAVANYO ZO-FVT	10
IKOTA 1 IFOMU YOHLALUTYO	17
IKOTA 1 INKQUBO YOHLOLO	19
IKOTA 2	27
IKOTA 2 IIMVAVANYO ZO-FVT	28
IKOTA 2 IFOMU YOHLALUTYO	37
IKOTA 2 INKQUBO YOHLOLO	39
IBANGA 2 AMAPHEPHA OKUREKHODA O-FVT	49



UVavanyo lokuFunda ngokuVakalayo ngoTyibiliko: Uvavanyo jikelele

Imigangatho yeDBE yokuFunda ngoTyibiliko Ekuqaleni kweBanga

Umgangatho weDBE uzichaza ngokucacileyo iziphumo ezilindelekileyo ekupheleni konyaka ngamnye wezifundo:

Ulwimi	Ekupheleni kweBanga 1, bonke abafundi kufuneka babe sele bekwazi ukufunda ubuncinane:	Ekupheleni kweBanga 2, bonke abafundi kufuneka babe sele bekwazi ukufunda ubuncinane:	Ekupheleni kweBanga 3, bonke abafundi kufuneka babe sele bekwazi ukufunda ubuncinane:
isiNdebele HL	40 zfcf	20 afcm	35 afcm
isiXhosa HL	40 zfcf	20 afcm	35 afcm
isiZulu HL	40 zfcf	20 afcm	35 afcm
iisiSwati HL	40 zfcf	20 afcm	35 afcm
isiPedi HL	40 zfcf	40 afcm	60 afcm
isiSuthu HL	40 zfcf	40 afcm	60 afcm
isiTswana HL	40 zfcf	40 afcm	60 afcm
isiVenda HL	40 zfcf	35 afcm	55 afcm
isiTsonga HL	40 zfcf	30 afcm	40 afcm
iAfrikansi HL	40 zfcf	50 afcm	80 afcm
isiNgesi HL	40 zfcf	50 afcm	70 afcm
isiNgesi FAL	ayingeni	30 afcm	50 afcm

zfcf = Izandi ezifundwa ngokuchanekileyo ngomzuzu / afcm = amagama afundwa ngokuchanekileyo ngomzuzu

IBANGA 2 | UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO NGOTYIBILIKO

I-NHLRP ixhasa injongo yeDBE yokuxhobisa ootitshala banikeze inkxaso egqalileyo kubafundi ekufundeni. Le nkxaso iquka ezi mvavanyo zokufunda ngokuvakalayo ngotyibiliko kwiBanga 2:

IBanga / IKota	60 imizuzwana ulwazi lwezandi zoonobumba	60 imizuzwana ukufunda amagama	60 / 180 imizuzwana ukufunda umhlathi	imibuzo yengqiqo nokuqonda yomlomo
IBanga 2 IKota 1	2.1.A (60 izandi)	2.1.B (60 amagama)	2.1.C	2.1.D (4 imibuzo)
IBanga 2 IKota 2	2.2.A (60 izandi)	2.2.B (60 amagama)	2.2.C	2.2.D (4 imibuzo)
IBanga 2 IKota 3	2.3.A (60 izandi)	2.3.B (60 amagama)	2.3.C	2.3.D (8 imibuzo)
IBanga 2 IKota 4	2.4.A (60 izandi)	2.4.B (60 amagama)	2.4.C	2.4.D (8 imibuzo)

Ukulungisele iimVavanyo zokuFunda ngokuVakalayo ngoTyibiliko

- Kwikota nganye, uya kufumana iikopi ezimbini zovavanyo loku-FVT.
 - Ikopi katitshala - iqulathe inani lezandi okanye amagama kumgca ngamnye.
 - Ikopi yomfundi - ibhalwe ngefonti nobukhulu bamagama afanelekileyo.
- Lungiselela ukuvavanya ngokulamineyitha zombini iikopi zovavanyo.
 - Oku kukuvumela ukuba ubhale kwikopi katitshala, uze ucime uphinde uyisebenzise.
 - Ikwakhusela ikopi yomfundi, ukuze olu vavanyo luphinde lusetyenziswe amatyeli ngamatyeli.
- Nceda uqaphele: likopi ezicala linye zoFVT zibonelelwe njengenxalenye yepakethe yoonotsheluzi.



ImVavanyo zoFVT kweNHLRP Ukuqonda inkqubo yemithetho yokuthiya amagama

2.1.A - ibonisa **ibanga**

2.1.A - ibonisa **ikota**

2.1.A - ibonisa **uhlobo lovavanyo**: ukufunda izandi

Ukulawula iimVavanyo zokuFunda ngokuVakalayo ngoTyibiliko

1. Zinzisa iklasu nomsebenzi obhaliweyo.
2. Biza umfundi abe mnye ngexesha aze kufunda.
3. Nika umfundi ikopi yomfundi yetekisi.
4. Seta isibalixesha ngokwexesha elimiselweyo.
5. Xelela umfundi ukuba afunde itekisi ngokuvakalayo ude uthi makeme.
6. Xelela umfundi ukuba atsibe izandi / amagama angakwaziyo ukuwafunda ngokukhawuleza.
7. Qala isibali-xesha umamele umfundi efunda.
8. Kwikopi katitshala elamineyithiweyo yetekisi, sebenzisa ipeni ecimekayo 'ukuchaphaza' kwindawo nganye:
 - isandi okanye igama alifunde ngokungachanekanga umfundi
 - isandi okanye igama elitsitywe ngumfundi
 - isandi okanye igama athi umfundi athathe ixesha elide kunemizuzwana emi 5 elifunda
9. Emva kwexesha elimiselweyo, xelela umfundi ukuba ayeke, uze ubhale isandi okanye igama lokugqibela elifundwe ngumfundi.
10. Uvavanyo C, iimvavanyo zokufunda isicatshulwa:
 - Ukufundwa kwesicatshulwa imizuzwana engama60, kunye
 - nokufundwa kwesicatshulwa imizuzwana engama180
11. Sebenzisa ezi mvavanyo ngolu hlobo lulandelayo:
 - Singatha Uvavanyo C ngokwesiqhelo imizuzwana yokuqala engama60 yokuqala.
 - Kwimizuzwana yokuqala engama60, mamela abafundi befunda ngokuvakalayo uze wenze ichaphaza kwikopi yakho yovavanyo kwimpazamo nganye eyenziwayo.
 - Emva kwemizuzwana engama60, bhala igama lokugqibela elifundwe ngumfundi kwimizuzwana engama60.
 - Sebenzisa ezi nkukacha njengesiphumo sovavanyo C.
12. Emva koko, vumela umfundi aqhubeke nokufunda isicatshulwa sovavanyo C eminye imizuzwana eli120.
13. Emva koko, sebenzisa uvavanyo D uvavanye ingqiqo nokuqonda yomfundi ngomlomo.
 - Buza umfundi umbuzo ngamnye uze umlinde aphenyule.
 - Xa engaphenduli kwimizuzwana emi5–10 gqithela kumbuzo olandelayo.
 - Ukuba umfundi akagqibanga ukufunda isicatshulwa, buza kuphela imibuzo anokuba nakho ukuyiphendula.

UVavanyo lokuFunda ngokuVakalayo ngoTyibiliko

Ukulawula iimvavanyo

Xa ndisithi qala, nceda ufunde le tekisi. Ukuba akukwazi ukufunda igama, litsibe. Xa ifowuni yam ikhala, yeka ukufunda.

Qala.

Ikhaya lam ndiyalithanda ikhaya lam. Ndiyamthand nomama, utata kunye nobhuti wam. Umakhulu wam naye uhlala nathi. Sihlala kwindlu emhlophe na...

5


Ufunde igama elithi 'ndiyamthand' endaweni yelithi 'ndiyamthanda'.

Akakwazanga ukufunda u'kakuhle'.

Enkosi, ixesha liphelile.



4



6



7



1

- Ukulawula u-FVT:
- Mamela umfundi efunda itekisi kangangexesha alimiselweyo.
 - Yenza ichaphaza kwikopi yakho yetekisi ngalo lonke ixesha umfundi:
 - a** Efunda isandi okanye igama ngokungachanekang a
 - b** Etsiba isandi okanye igama
 - c** Ethatha imizuzwana edlula emi5 ukufunda isandi okanye igama
 - Mmise umfundi xa ixesha elibekiweyo/ elimiselweyo liphelile.

Ukubala Iziphumo Zofundo Ngotyibiliko

1. Bala amanqaku ewonke anokufunyanwa ngumfundi.
 - Jonga apho umfundi agqibezele khona ukufunda – qaphela amanqaku ewonke afunyenwe kulo mgca
 - Thabatha onke amagama umfundi angawafundanga kumgca wokugqibela
 - La ngamagama ewonke anokufunyanwa ngumfundi
2. Okulandelayo, thabatha amagama anamachokoza kwinani lilonke elinokufunyanwa (amagama angafundwanga ngokuchanekileyo, atsityiweyo okanye ekuthathwe ixesha elide ukuwafunda). Oku kukunika inani lamagana omfundi ewonke.
3. Rekhoda amagama omfundi eKota ewonke.

Imimiselo yoFVT
novavanyo ziluncedo
ngenene. Zindinika
ukuqonda okucacileyo
kweyona nto abafundi
bam badinga ukuyizuzza
kulo nyaka!



Ukubala ukufunda ngotyibiliko:

- Bala ukuba mangaphi amagama afundwe ngumfundi ngomzuzu.
- Thabatha inani lamagama 'amachokoza'.
- Rekhoda/bhala inani lamagama afundwe ngokuchanekileyo ngomzuzu.

Makhe ndibone ukuba
uqhube kakuhle
kangakanani uSifiso
ekufundeni kwakhe.



USifiso wenze

iiimpazamo ezi2, ngoko
ke amagama akhe
achanekileyo ewonke
angama30 ngomzuzu
omnye.

32-4

Ukubala iziphumo

ngama lokugqibela alifundileyo uSifiso
ngu 'amagumbi'. Akawafundanga
amagama ama6 kulo mgca, ngoko ke
amagama akhe ewonke ngamagama
angama32.

$$l = 32$$

၈

2.0.1

1. Wahrnehmung (Perception)
 2. Interpretation (Interpretation)
 3. Handlung (Action)
 4. Reflexion (Reflection)

Vavanyo lokuFunda ngokuVakalayo ngoTyibiliko

Ukurekhoda iziphumo zoFVT


1. Le nkqubo iquka amaphepha okurekhoda u-FVT.
2. Amaphepha okurekhoda adijithali ayafumaneka kwiwebhusayithi yeNECT.
3. Sebenzisa la maphepha okurekhoda ukurekhoda zonke iziphumo zeFVT unyaka wonke.

Ukusebenzisa Amaphepha Eziphumo neeFomu zoHlalutyo


1. Inkqubo ikwaquka iFomu yoHlalutyo loFVT yekota nganye.
2. Le ifanele ukusetyenziswa ukubhala iimpazamo zabafundi, ngeenjongo zokulungisa.
 - Sebenzisa le fomu de inkqubo ifikelele esiphelweni.
 - Yenza uphawu kwikholam efanelekileyo maxa onke umfundi esenza impazamo.
 - Wakugqiba ukwenza uvavanyo, dibanisa amanani esandi ngasinye negama.
3. Beka phambili ezona mpazamo zenzeka kaninzi ulungiselela ukulungisa ngolu hlobo:
 - **Izandi:** Fundisa kwakhona isandi kwiklasi yonke. Emva koko, kwiiveki ezimbalwa ezilandelayo, qinisekisa ukuba usebenzisa eso sandi kuhlanganiso zandi, ucazululo nakwimisebenzi yokwakhiwa kwamagama.
 - **Amagama:** Hlaziya izandi ezikwigama kunye neklasi yonke. Hlaziya isakhono sokuhlanganisa izandi kunye neklasi yonke. Biza abafundi ngabanye beze kuhlanganisa baphinde bacazulule amagama. Kwiiveki ezimbalwa ezilandelayo, milisela ingqalelo kwimisebenzi yohlanganiso nolwakhiwo lwamagama.
 - **Ukufundwa kwesicatshulwa:** Funda izicatshulwa ngokuphindaphinda ngolu hlobo:
 - Fundela ikhosi isicatshulwa ngokuvakalayo, njengoko bekulandela ezincwadini zabo.
 - Funda isicatshulwa kunye neklasi, ubonisa isantya nemvakalozwi.
 - Biza amaqela awohlukileyo okanye abafundi bafunde icandelo letekisi ngokuvakalayo.
 - Kwiiveki ezimbalwa ezilandelayo, qhubeka nokubeka phambili ukufunda ngokuphindaphinda iitekisi ezahlukileyo.
 - **Ingqiqo nokuqonda yomlomo:** Hlalutya ingxaki uze nendlela yokulungisa ngolu hlobo:
 - Ukuba abafundi abakwazi ukufunda isicatshulwa sonke, okanye batsala nzima kumagama amaninzi: Qhubeka nokwakha izakhono zokudikhowuda nezotyibiliko. Fundisa abafundi ukufunda nokuhlanganisa izandi, ziqhelise ukuhlanganisa nokucazulula amagama, yenza ufundo lwetekisi uphindaphinda.
 - Ukuba abafundi abawuqondi umongo wetekisi kwizicatshulwa: Milisela umgqalasela ekwakheni isigama nolwazi lwangaphampili. Fundela ikhosi amabali amaninzi kangangoko unakho.
 - Ukuba abafundi bayaqonda balandele kodwa abakwazi kuphendula imibuzo: Milisela ingqalelo ekufundiseni izakhono zengqiqo nokuqonda ngexesha lokufunda notitshala. Cacisa intsingiselo yombuzo. Bonisa abafundi indlela yokufumana impendulo yombuzo. Nika abafundi amathuba amaninzi okuziqhelisa ukuphendula imibuzo ngomlomo.
4. Sebenzisa iziphumo ukuhlaziya amaqela akho afunda ngamaqela ancediswa ngutitshala ekuqaleni kwekota nganye.
 - Beka abafundi abanamanqaku aphezulu kunye. La maqela anokuba makhudlwana.
 - Beka abafundi abanawona manqaku aphantsi kunye. Zama ukugcina la maqela emancinci kangangoko unako.
5. Landela inkqubo yeziphumo zabafundi kwiikota zonke.
 - Qaphela amanqaku omfundi ngamnye kwiimvavanyo zekota nganye.
 - Qaphela abafundi abangaqhubeli phambili okanye ababuyela emva.

IBANGA 2 | UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO NGOTYIBILIKO

- Kuya kufuneka uchithe ixesha elongezelelweyo naba bafundi, usebenza kwinqanaba elichanekileyo lolungiso.
6. Qaphela umyinge wamanqaku eklasi kuzo zonke iikota. Ukuba ubona ukungabikho kuphucuka okanye ukuhla ngokubanzi kumyinge weklasi, qwalasela oku kulandelayo:
- Cinga ngexesha elilahlekileyo okanye eliphazamisekileyo lokufundisa ngekota. Khumbula ukubeka phambili izifundo zokufunda ukuya phambili.



IKOTA 1





IKota 1 limVavanyo zoFVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.1.A

Ikopi katitshala

60 izandi / 60 imizuzwana

a	B	c	i	L	X	y	W	q	J	10
M	o	s	U	D	ch	Ph	Rh	sh	Xh	20
Nc	nd	nj	Nk	nq	F	g	H	j	k	30
Nt	nx	Cw	dw	Gw	Ng	ng	Tl	HI	Rhw	40
jw	Kw	lw	Nw	Qw	N	q	R	t	w	50
chw	Khw	qhw	Rhw	gr	sw	Tw	Xw	V	Z	60

U-FVT kweNHLRP Ulwimi: isiXhosa Uvavanyo 2.1.A Ikopi yomfundi									
a	B	c	i	L	X	y	W	q	J
M	o	S	U	D	ch	Ph	Rh	sh	Xh
Nc	nd	nj	Nk	nq	F	g	H	j	k
Nt	nx	Cw	dw	Gw	Ng	ng	TI	HI	Rhw
jw	Kw	lw	Nw	Qw	N	q	R	t	w
chw	Khw	qhw	Rhw	gr	sw	Tw	Xw	V	Z

U-FVT kweNHLRP										
Ulwimi: isiXhosa										
Uvavanyo 2.1.B										
Ikopi katitshala										
60 amagama / 60 imizuzwana										
aba	beba	cece	cela	bala	xela	yanela	amawele	qalani	ujamile	10
mama	olo	sisi	sula	idolo	isichumiso	phakamisa	irhuluneli	ukushukuma	xhathisa	20
incoko	indoda	kunjani	inkomo	inqaba	ifama	igama	iholo	jula	kubo	30
intaba	nxiba	icwebile	edwaleni	isigwebo	uzakungena	uyang'ong'ozza	intlanganiso	yahlukile	urhwaphilizo	40
ukujweda	kwanele	ulwaluko	ulonwabo	uqweqwe	nako	qala	irula	itasi	wena	50
uchwayitile	isikhwenene	uqaqhwaba	urhwaphilizo	isigrogriso	iswekile	itwina	uxwebile	ivili	zimela	60

U-FVT kweNHLRP Ulwimi: isiXhosa Uvavanyo 2.1.B Ikopi yomfundi									
aba	beba	cece	cela	bala	xela	yanela	amawele	qalani	ujamile
mama	olo	sisi	sula	idolo	isichumiso	phakamisa	irhuluneli	ukushukuma	xhathisa
incoko	indoda	kunjani	inkomo	inqaba	ifama	igama	iholo	jula	kubo
intaba	nxiba	icwebile	edwaleni	isigwebo	uzakungena	uyang'ong'ozza	intlanganiso	yahlukile	urhwaphilizo
ukujiweda	kwanele	ulwaluko	ulonwabo	uqweqwe	nako	qala	irula	itasi	wena
uchwayitile	isikhwenene	uyaqhwaba	urhwaphilizo	isigrogriso	iswekile	itwina	uxwebile	ivili	zimela

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.1.C

Ikopi katitshala

Izicatshulwa zokufunda / 60 & 180 imizuzwana

Zininzi izinto esinokuzenza ukuze sihlale	5
sisempilweni. Kufuneka sizame ukutya	9
iziqhamo, imifuno eyahlukileyo,	12
amaqanda, amandongomane, iimbotyi kunye	16
nenyama.	17
Akufuneki siyitye kakhulu iswekile.	21
Kufuneka sisoloko sikugquma ukutya ukuze	26
zingahlali kuko iimpukane. Iimpukane	30
zithwala iintsholongwane. Iintsholongwane	33
ziza nezifo.	35
Kufuneka sisele amanzi acocekileyo yonke	40
imihla. Ukusela amanzi angacocekanga	44
kungamenza umntu agule. Abantwana	48
kufuneka bazame ukulala	51
ixesha elaneleyo yonke imihla. Oku kubanceda	57
bakhule ngendlela efanelekileyo.	60
Ukulala kwenza imizimba yomelele.	17
Ukuzilolonga kusilungele kwaye kuyimfuneko.	18

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.1.C

Ikopi yomfundi

Zininzi izinto esinokuzenza ukuze sihlale sisempilweni. Kufuneka sizame ukutya iziqhamo, imifuno eyahlukileyo, amaqanda, amandongomane, iimbotyi kunye nenyama.

Akufuneki siyitye kakhulu iswekile. Kufuneka sisoloko sikugquma ukutya ukuze zingahlali kuko iimpukane. Iimpukane zithwala iintsholongwane. Iintsholongwane ziza nezifo.

Kufuneka sisele amanzi acocekileyo yonke imihla. Ukusela amanzi angacocekanga kungamenza umntu agule. Abantwana kufuneka bazame ukulala ixesha elaneleyo yonke imihla. Oku kubanceda bakhule ngendlela efanelekileyo.

Ukulala kwenza imizimba yomelele. Ukuzilolonga kusilungele kwaye kuyimfuneko.



U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.1.D

Ikopi katitshala

4 Imibuzo yengqiqo nokuqonda yomlomo

Uhlobo lwemibuzo: Ukufunyanwa kolwazi olucacileyo

1. Kukuphi ukutya okubini ekufuneka sikutye ukuze sihlale sisempilweni?
Impendulo: Iziqhamo, imifuno, amaqanda, amandongomane, iimboty, inyama

Uhlobo lwemibuzo: Ukufunyanwa kolwazi olucacileyo

2. Yintoni esimele singayityi kakhulu?
Impendulo: Iswekile

Uhlobo lwemibuzo: Isigqibo esisekelwe kulwazi olunikiweyo esingqalileyo

3. Kutheni ucinga ukuba kubi ukuvumela iimpukane zihlale ekutyeni kwethu?
Impendulo yomfundi: Iimpukane zithwala ukungcola kweentsholongwane; iimpukane azicocekanga, asazi ukuba ibigqibele phi – oku kunokungcolisa ukutya / kwenza ukutya kwethu kube kubi / kunokusigulisa.

Uhlobo lwemibuzo: Tolika uze uhlanganise / Hlola uze uvavanye

4. Uziva njani ukuba awulali ngokwaneleyo ubusuku obumbalwa?
Impendulo yomfundi: Ukuba nobuthongo, ukungavakalelwa kamnandi, ukukhala lula, ukuba nomsindo lula, ukungafuni kwenza izinto njl.

Qaphela: Ukuba umfundi uphendula ngelithi uziva elungile, phinda uchaze umbuzo 4:

Ucinga ukuba uninzi lwabantwana luziva njani ukuba abalali ngokwaneleyo ubusuku obumbalwa?



IKota 1 Ifomu yohlalutyo

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

IBanga 2 IKota 1

Ifomu yohlalutyo

Izandi 2.1.A	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke	Amagama 2.1.B	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
a			aba		
B			beba		
c			cece		
i			cela		
L			bala		
X			xela		
y			yanela		
W			amawele		
q			qalani		
J			ujamile		
M			mama		
o			olo		
S			sisi		
U			sula		
D			idolo		
ch			isichumiso		
Ph			phakamisa		
Rh			irhuluneli		
sh			ukushukuma		
Xh			xhathisa		
Nc			incoko		
nd			indoda		
nj			kunjani		
Nk			inkomo		
nq			inqaba		
F			ifama		
g			igama		
H			iholo		
j			jula		
k			kubo		

IBANGA 2 | IKOTA 1 IFOMU YOHLALUTYO

U-FVT kweNHLRP Ulwimi: isiXhosa IBanga 2 IKota 1 Ifomu yohlalutyo iyaqhubeka					
Izandi 2.1.A	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke	Amagama 2.1.B	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
Nt			intaba		
nx			nxiba		
Cw			icwebile		
dw			edwaleni		
Gw			isigwebo		
Ng			uzakungena		
ng'			uyang'ong'ozza		
Tl			intlanguaniso		
HI			yahlukile		
Rhw			urhwaphilizo		
jw			ukujweda		
Kw			kwanele		
lw			ulwaluko		
Nw			ulonwabo		
Qw			uqweqwe		
N			nako		
q			qala		
R			irula		
t			itasi		
w			wena		
chw			uchwayitile		
Khw			isikhwenene		
qhw			uyaqhweba		
Rhw			urhwaphilizo		
gr			isigrogriso		
sw			iswekile		
Tw			itwina		
Xw			uxwebile		
V			ivili		
Z			zimela		



INkqubo yoHlolo

IBANGA 2 IKOTA 1

I-ATP ehlaziyiweyo ibonelela ngovavanyo olusekwe esikolweni kwikota nganye. Ngokubhekiselele koku, ezi zakhono zilandelayo kunye neengcamango kufuneka zivavanywe kwiKota 1:

ICANDELO	UMSEBENZI
 Ukuphulaphula nokuthetha	Ubalisa ibali elinesiqalo, isiqu kunye nesiphelo.
 Izandi	Wenza amagama anezikhamiso ezifutshane.
 Ukufunda nengqiqo nokuqonda	Ufunda ngokuvakalayo kwincwadi ekwinqanaba lakhe. Usebenzisa amagama abonakalayo, izandi, nezakhono zokudikhowuda zohlalutyo lwesakhiwo. Ufunda ngotyibiliko olongezekileyo nangemvakalelo. Uphendula imibuzo ngqo. Wenza uqikelelo. Ucwangcisa kwakhona iziganeko ngolandelelwano oluchanekileyo. Uthatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo.
 Ukubhala ngesandla	Ukhuphela aze abhale izivakalisi ezifutshane ethathela ingqalelo ukwakhiwa koonobumba okuchanekileyo.
 Ukubhala	Ubhala izivakalisi ezintathu zeendaba zakhe esesbenzisa izandi ezifundiweyo, amagama abonwayo, oonobumba abakhulu kunye nezingxi.

IMIZEKELO YEMISEBENZI YOHLLOLO

- Le misebenzi yohlolo iyilelwe ukuba yinxalenye yenkqubo yeNHLRP.
- Apho kufanelekileyo, iimvavanyo zoFVT lweNHLRP zibandakanyiwe njengenxalenye yenkqubo yohlolo.
- Le misebenzi yohlolo ingasetyenziswa njengoko injalo okanye ilungiselwe ukulungela iimfuno zesithili.



Ukuphulaphula nokuthetha

Ubalisa ibali elinesiqalo, isiqu kunye nesiphelo.

Umsebenzi

- Yenza oku xa kuza kuphela ikota.
- Xelela abafundi ukuba bacinge ngelona bali labo balithandayo.
- Cacisa ukuba baza kuza bakubalisele ibali.

Imimiselo

Xelela abafundi ukuba xa bebalisa ibali, maba:

- Balise ibali ngolandelelwano oluchanekileyo: malibe nesiqalo, isiqu nesiphelo.
- Babize izinto kube kanye: bangaphindaphindi
- Bazi abaza kukuthetha: baziqhelanise ukulibalisa ibali

Ukuphunyezwa

- Nika abafundi imizuzu embalwa bacinge ngamabali abo.
- Bavumele bajike bathethe babalise ibali labo kwiqabane.
- Xelela abafundi bazobe umfanekiso oneeleyibhile wenxalenye yebali, njengoko uphulaphule abanye abafundi.
- Biza abafundi ngabanye ngabanye ukuza kubalisa elona bali labo balithandayo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ubume nokulandelelana	Umfundi ubalisa amasuntswana ebali ngokulandelelana kwawo ngendlela engeyiyo. Isiqalo, isiqu nesiphelo azicacanga.	Umfundi ubalisa inxalenye yebali ngolandelelwano oluchanekileyo. Isiqalo, isiqu nesiphelo zibucaca.	Umfundi ubalisa inkoliso yebali ngolandelelwano oluchanekileyo. Isiqalo, isiqu nesiphelo zicacile.	Umfundi ubalisa ibali ngokulandelelana kwalo ngokuchanekileyo. Isiqalo, isiqu nesiphelo zicacile kwaye zinika umdla.
Utyibiliko	Umfundi uhlala enqumama, athandabuze kwaye awaphinde amagama okanye amabinzana.	Ngamanye amaxesha umfundi uyanqumama, athandabuze kwaye awaphinde amagama okanye amabinzana.	Umfundi ubalisa ibali ngotyibiliko, ngamanye amaxesha uyanqumama, athandabuze kwaye awaphinde amagama okanye amabinzana.	Umfundi ubalisa ibali ngotyibiliko nangoku-zithemba, ngaphandle kokunqumama, ukuthandabuzisa okanye ukuphinda amagama okanye amabinzana.



Izandi

Wenza amagama anezikhamiso ezifutshane.

Umsebenzi

- Yenza oku kwiVeki 7 ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.
- Sebenzisa umsebenzi othi 'Yakha amagama' kwiphepha 51 kwiNcwadi yokuFunda enguNdoqo.
- Xelela abafundi ukuba kufuneka bakhe amagama amaninzi kangangoko kunokwenzeka kwimizuzu emi5.
- Qokelela iincwadi zabo, uphawule uze ubale inani lamagama akhiwe ngokuchanekileyo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa imemorandam engezantsi.

Imemorandam

Nika abafundi amanqaku ubuninzi ibe ngama20 amanqaku njengoku kulandelayo:

- 1 inqaku ngegama ngalinye elibhalwe ngokuchanekileyo.
- Sebenzisa le theyibhile yoguqulo ingezantsi ukuguqulela kwinqanaba.

Inani lamagama abhalwe ngokuchanekileyo	INQANABA
1 - 5	1
6 - 10	2
11 - 15	3
16 - 20	4



Ukufunda

Ufunda ngokuvakalayo kwincwadi ekwinqanaba lakhe.

Usebenzisa amagama abonakalayo, izandi, nezakhono zokudikhowuda zohlalutyo lwesakhiwo.

Ufunda ngotyibiliko olongezekileyo nangemvakalelo.

Umsebenzi

- Oku kungenziwa kwiVeki 7 okanye 8.
- Ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala, biza ilungu ngalinye leqela lizokukufundela ngabanye ngabanye.
- Cela umfundi afunde enye yezi tekisi zilandelayo 'zokufunda ngokuvakalayo' kwiNcwadi yokuFunda enguNdoqo: iphepha 52, iphepha 59.

Ukuphunyezwa

- Biza abafundi ngabanye ngabanye bakufundele itekisi ngokuvakalayo.
- Sebenzisa le theyibhile yoguqulo ingezantsi ukuguqulela kwinqanaba.

IBANGA 2 | INKQUBO YOHLLOLO

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Izakhono zokudikhowuda	Umfundi udinga inkxaso yezandi eninzi kutitshala ukufunda igama elingaziwayo. Umfundi unobunzima ukwahlula amagama abe ngamalungu okanye izandi.	Umfundi uyazama ukusebenzisa izandi ukufunda amagama angaziwayo kodwa udinga inkxaso katitshala. Umfundi uyakwazi ukucazulula amagama abe ngamalungu nezandi ngenkxaso katitshala.	Umfundi usebenzisa izandi kunye nokwahlula izandi zibe ngamalungu ukubiza igama elingaziwayo kodwa udinga uncedo okuhlanganisa izandi zibe ligama.	Umfundi usebenzisa izandi kunye nokwahlula izandi zibe ngamalungu ukubiza igama elingaziwayo kwaye unamaxesha okuhlanganisa izandi zibe ligama.
Amagama asetyenziswa rhoqo	Umfundi wazi amagama asetyenziswa rhoqo ambalwa kakhulu.	Umfundi wazi amagama athile asetyenziswa rhoqo.	Umfundi wazi amagama asetyenziswa rhoqo amaninzi.	Umfundi wazi onke amagama asetyenziswa rhoqo afundisiweyo.
Utyibiliko nemvakalelo	Umfundi unqumama rhoqo, uyawatsiba amagama kwaye ufunda igama negama. Umfundi akayithatheli ngqalelo imvakalelo.	Umfundi ufunda uninzi lwetekisi kodwa igama negama. Umfundi unika ingqalelo encinci okanye angayiniki kwimvakalelo.	Umfundi ufunda uninzi lwetekisi ngotyibiliko nangemvakalelo.	Umfundi ufunda itekisi ngotyibiliko nangemvakalelo elungileyo.



Inggqiqo nokuqonda

Uphendula imibuzo ngqo.

Wenza uqikelelo.

Ucwangcisa kwakhona iziganeko ngolandelelwano oluchanekileyo.

Uthatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo.

Umsebenzi

- Oku kungenziwa nangaliphi ixesha kwiVeki 4 ukuya kwiVeki 7.
- Sebenzisa ibali leNgqokelela yamaBali leveki edlulileyo.
- Zinzisa iklassi bagqibezele umsebenzi obhaliweyo.
- Emva koko, bizela abafundi ngabanye ngabanye edesikeni yakho ukuzokugqibezela uhlolo.
- Cela abafundi baphendule 1–2 umbuzo ngayo nganye yezi ntlobo zemibuzo malunga netekisi:

Imibuzo ngqo ngeenkukacha

1. Ubani...?
2. Intoni...?
3. Nini...?
4. Njani...?
5. Phi...?

Yenza uqikelelo

1. Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni elandelayo? Ngoba?
2. Ucinga ukuba ibali liza kuphela njani? Ngoba?

Ulandelelwano

1. Kwenzeke ntoni ekuqaleni kwebali?
2. Kwenzeke ntoni ekupheleni kwebali?
3. Kwenzeke ntoni emva kokuba...?
4. Kwenzeke ntoni kuqala: ... okanye...?

Ukuzithathela izigqibo ezisekelwe kulwazi olusebalini

1. Ungazithathela izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo ezithini nge... ukusuka...?
2. Ucinga njani...?
3. Kutheni ucinga...?

Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IBANGA 2 | INKQUBO YOHLLOLO

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Imibuzo ngqo ngeenkukacha	Umfundi utsala nzima ukukhumbula iinkukacha ebalini, nkqu nangenkuthazo.	Umfundi ukhumbula ngokuchanekile zonke iinkukacha ebalini, ngenkuthazo ethile.	Umfundi ukhumbula ngoku-chanekileyo ezinye zeenkukacha ebalini, ngenkuthazo ethile.	Umfundi ukhumbula ngoku-chanekileyo ezinye zeenkukacha ebalini, ngenkuthazo ethile.
Uqikelelo	Umfundi utsala nzima ukwenza uqikelelo olunengqiqo.	Umfundi uqikelela ngendlela eyamkelekileyo ngenkxaso katitshala.	Umfundi wenza uqikelelo olusengqiqweni kodwa utsala nzima ukuthethelela impendulo.	Umfundi wenza uqikelelo olulungileyo kwaye uyakwazi ukuthethelela impendulo.
Ulandelelwano	Umfundi utsala nzima ukulandelelanisa ngoku-chanekileyo iziganeko kwitekisi, nkqu nangenkxaso.	Umfundi ulandelelanisa ngoku-chanekileyo iziganeko kwitekisi ngenkxaso ethile.	Umfundi ulandelelanisa ngoku-chanekileyo iziganeko kwitekisi kodwa uthatha ixesha elithile.	Umfundi ulandelelanisa zonke iziganeko ngokukhawuleza nangoku-chanekileyo kwitekisi.
Ukuthatha izigqibo ngokusekelwe ebalini	Umfundi utsala nzima ukuthatha izigqibo ngokusekelwe ebalini ngomlinganiswa okanye isiganeko ebalini, nkqu nangenkxaso.	Umfundi uthatha isigqibo esifanelekileyo ngokusekelwe ebalini ngomlinganiswa okanye isiganeko ebalini, ngenkxaso.	Umfundi uthatha isigqibo esifanelekileyo ngokusekelwe ebalini ngomlinganiswa okanye isiganeko ebalini, ngaphandle kwenkxaso.	Umfundi uthatha isigqibo esilungileyo ngokusekelwe ebalini ngomlinganiswa okanye isiganeko ebalini, ngaphandle kwenkxaso.



Ukubhala ngesandla

Ukhuphela aze abhale izivakalisi ezifutshane ethathela ingqalelo ukwakhiwa koonobumba okuchanekileyo.

Umsebenzi

- Yenza oku kwikota yonke ngexesha lezifundo zokuBhala ngesandla.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Ngexesha lezifundo, hambahamba ujonga izakhono zabafundi zokubhala ngesandla.
- Qaphela isakhono somfundi ngamnye sokwakha oonobumba ngokuchanekileyo, sokulawula ubungakanani kunye nezithuba phakathi kwamagama, kunye nokubhala ngesantya esifanelekileyo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubriki elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukwakhiwa koonobumba	Umfundi utsala nzima amaxesha amaninzi ukukhumbula indlela echanekileyo yokuqala kunye necala aya kulo. Uninzi loonobumba bakhiwe kakubi okanye ababunjwanga kakuhle.	Umfundi ngamanye amaxesha utsala nzima ukukhumbula indlela echanekileyo yokuqala kunye necala aya kulo. Abanye oonobumba bakhiwe kakubi okanye ababunjwanga kakuhle.	Umfundi uyazazi iindlela zokuqalisa ezichanekileyo zokuqalisa kunye necala aya kulo. Oonobumba bakhiwe ngoku-chanekileyo kodwa ucoceko lufuna ukunikwa ingqalelo.	Umfundi uyazazi iindlela zokuqalisa ezichanekileyo zokuqalisa kunye necala aya kulo. Oonobumba bakhiwe ngoku-chanekileyo nango-kucocekileyo.
Ukukhuphela izivakalisi	Umfundi ubhala ngokucotha kwaye utsala nzima ukugqiba izivakalisi. Ubungakanani bamagama kunye nezithuba phakathi kwamagama abungqinelani.	Umfundi uyazigqiba izivakalisi kodwa zineempazamo. Ubungakanani bamagama kunye nezithuba phakathi kwamagama abungqinelani ngamanye amaxesha.	Umfundi uyazigqiba izivakalisi ngaphandle kweempazamo. Ubungakanani bamagama kunye nezithuba phakathi kwamagama buyangqinelana ubukhulu becala.	Umfundi uyazigqiba izivakalisi ngaphandle kweempazamo. Ubungakanani bamagama kunye nezithuba phakathi kwamagama buyangqinelana.




Ukubhala

Ubhala izivakalisi ezintathu zeendaba zakhe esesbenzisa izandi ezifundiweyo, amagama abonwayo, oonobumba abakhulu kunye nezingxi.


Umsebenzi

- Yenza oku ngexesha lezifundo zokuBhala kwiVeki 4.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Ekupheleni kwesifundo sangoLwesihlanu, qokelela iincwadi zabafundi zohlolo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubriki elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ubuchule bokuyila	Ingamango akukho lula ukuyiqonda okanye asiyoyentsusa – umzekelo katitshala ukhutshelwe.	Ingamango iyalandeleka kwaye yeyentsusa, nangona ifana nomzekelo.	Ingamango yeyomfundi kwaye yeyentsusa.	Ingamango yeyomfundi, yeyentsusa kwaye ibonakalisa ubuchule.
Isakhiwo sesivakalisi	Umfundi wenza iimpazamo ezi3 nangaphezulu malunga nesakhiwo sesivakalisi.	Umfundi wenza iimpazamo ezi2 ezimalunga nesakhiwo sesivakalisi.	Umfundi wenza iimpazamo e1 emalunga nesakhiwo sesivakalisi.	Umfundi wakha zonke izivakalisi ngoku-chanekileyo.
Ubude	Umfundi uzama ukubhala isivakalisi esi1, kodwa asiphelelanga.	Umfundi ubhale isivakalisi esi1 esipheleleyo.	Umfundi ubhale izivakalisi ezi2 ezipheleleyo.	Umfundi ubhale izivakalisi ezi3 ezipheleleyo.
Iimpawu zokubhala	Umfundi utsala nzima ukusebenzisa oonobumba abakhulu kunye nezingxi ngoku-chanekileyo, nkqu nangenkxaso.	Umfundi usebenzisa oonobumba abakhulu kunye nezingxi ngoku-chanekileyo, kodwa utsala nzima ngezinye iimpawu zokubhala.	Umfundi uqhele ukusebenzisa zonke iimpawu zokubhala ezifundisiweyo ngoku-chanekileyo.	Umfundi ngamathuba amaninzi usebenzisa iimpawu zokubhala ezifundisiweyo ngoku-chanekileyo.



IKOTA 2





IKota 2 limVavanyo zoFVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.2.A

Ikopi katitshala

60 izandi / 60 imizuzwana

S	b	e	o	u	l	M	n	T	d	10
q	h	a	g	y	T	D	i	M	S	20
b	A	l	s	E	I	Y	m	H	d	30
w	O	U	j	k	M	D	r	x	z	40
W	p	k	D	r	J	xh	V	X	th	50
ph	B	bh	M	N	ng'	dl	C	Q	hl	60

U-FVT kweNHLRP									
Ulwimi: isiXhosa									
Uvavanyo 2.2.A									
Ikopi yomfundi									
S	b	e	o	u	l	M	n	T	d
q	h	a	g	y	T	D	i	M	S
b	A	l	s	E	I	Y	m	H	d
w	O	U	j	k	M	D	r	x	z
W	p	k	D	r	J	xh	V	X	th
ph	B	bh	M	N	ng'	dl	C	Q	hl

U-FVT kweNHLRP										
Ulwimi: isiXhosa										
Uvavanyo 2.2.B										
Ikopi katitshala										
60 amagama / 60 imizuzwana										
imela	sela	thetha	dlala	hleka	liyadada	shukuma	xhela	khangela	umtya	10
intshukumo	ibhabhathane	gqibezela	umtsalane	chwayita	igwiba	krwempa	ng'ong'oz	umphefumlo	ithandazwe	20
iphepha	irhali	chukumisa	khala	isitulo	shukuma	bhaliisa	gqitha	libolile	intsimi	30
ingwe	ingonyama	unyana	tatomkhulu	ihlobo	impumlo	intsha	tyjhwatyjhw	ikrwada	ikrakra	40
idyasi	hlahlela	ibuhlungu	gxeka	ithambo	ibhasi	uhlolo	irhali	irandi	umhlobo	50
gragrama	itswele	intsila	indzondo	ingwevu	ingcwaba	inyoka	intywenka	ingqondo	bayaphaxulana	60

U-FVT kweNHLRP Ulwimi: isiXhosa Uvavanyo 2.2.B Ikopi yomfundi									
imela	sela	thetha	dlala	hleka	liyadada	shukuma	xhela	khangela	umtya
intshukumo	ibhabhathane	gqibezela	umtsalane	chwayita	igwiba	krwempa	ng'ong'ozza	umphefumlo	ithandazwe
iphepha	irhali	chukumisa	khala	isitulo	shukuma	bhalisa	gqitha	libolile	intsimi
ingwe	ingonyama	unyana	tatomkhulu	ihlobo	impumlo	intsha	tyhwatyhwa	ikrwada	ikrakra
idyasi	hlahlalela	ibuhlungu	gxeka	ithambo	ibhasi	uhlolo	irhali	irandi	umhlobo
gragrama	itswele	intsila	indzondo	ingwevu	ingcwaba	inyoka	intywenka	ingqondo	bayaphaxulana

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.2.C

Ikopi katitshala

Izicatshulwa zokufunda / 60 & 180 imizuzwana

Yayilixesha lokuthabatha uhambo oluya kumyezo wezilwanyana.	4 6
“Masihambeni!” watsho umama.	9
“Ewe!” batsho abantwana.	12
“Ndiza kusiqhubela ukuya apho,” watsho utata.	17 18
“Ewe!” batsho abantwana.	21
Ukufika kwabo kumyezo wezilwanyana, baya kubona iimfene. Kwakukho igorila enkulu, itshimpanzi entle kwakunye nenkawu enetshiki.	25 30 35 36
Emva koko, baya kubona ingwenya enkulu. Yayinkulu kwaye iluhlaza. Yayikwichibi elineentlanzi.	41 45 46
“Laa ngwenya indinike uloyiko!” watsho umama.	51 52
“Ndiyayithanda!” watsho omnye wabantwana.	55 56

IBANGA 2 | IKOTA 2 IIMVAVANYO ZO-FVT

Yayilixesha lokufumana isidlo sasemini.	60
Endleleni eya ekutyeni, babona ipikoko entle	66
ivule amaphiko.	68
“Ndiyayithanda laa pikoko!” batsho bonke	73
ngaxesha linye.	75

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.2.C

Ikopi yomfundi

Yayilixesha lokuthabatha uhambo oluya kumyezo wezilwanyana.

“Masihambeni!” watsho umama.

“Ewe!” batsho abantwana.

“Ndiza kusiqhubela ukuya apho,” watsho utata.

“Ewe!” batsho abantwana.

Ukufika kwabo kumyezo wezilwanyana, baya kubona iimfene. Kwakukho igorila enkulu, itshimpanzi entle kwakunye nenkawu enetshiki.

Emva koko, baya kubona ingwenya enkulu. Yayinkulu kwaye iluhlaza. Yayikwichibi elineentlanzi.

“Laa ngwenya indinike uloyiko!” watsho umama.

“Ndiyayithanda!” watsho omnye wabantwana.

Yayilixesha lokufumana isidlo sasemini.
Endleleni eya ekutyeni, babona ipikoko
entle ivule amaphiko.
“Ndiyayithanda laa pikoko!” batsho bonke
ngaxesha linye.



U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 2.2.D

Ikopi katitshala

4 Imibuzo yengqiqo nokuqonda yomlomo

Uhlobo lwemibuzo: Ukufunyanwa kolwazi olucacileyo

1. Lwathatha uhambo oluyaphi usapho?
Usapho lwathatha uhambo oluya kumyezo wezilwanyana.

Uhlobo lwemibuzo: Ukufunyanwa kolwazi olucacileyo

2. Umama wathi ingwenya imnike ____.
Umama wathi ingwenya imnike uloyiko.

Uhlobo lwemibuzo: Isigqibo esisekelwe kulwazi olunikiweyo esingqalileyo

3. Baziva njani abantwana ngokuya kumyezo wezilwanyana?
Baziva bonwabile kuba bathi "Ewe!"

Uhlobo lwemibuzo: Hlola uze uvavanye

4. Ucinga ukuba sesiphi esona silwanyana sithandwe lusapho? Nika isizathu soko.
Usapho luthande ipikoko kuba luthethe ngaxesha linye lwathi luyayithanda laa pikoko.



IKota 2 Ifomu yohlalutyo

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

IBanga 2 IKota 2

Ifomu yohlalutyo

Izandi 2.2.A	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke	Amagama 2.2.B	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
S			imela		
b			sela		
e			thetha		
o			dlala		
u			hleka		
l			liyadada		
M			shukuma		
n			xhela		
T			khangela		
d			umtya		
q			intshukumo		
h			ibhabhathane		
a			gqibezela		
g			umtsalane		
y			chwayita		
T			igwiba		
D			krwempa		
i			ng'ong'ozza		
M			umphefumlo		
S			ithandazwe		
b			iphepha		
A			irhali		
l			chukumisa		
s			khala		
E			isitulo		
I			shukuma		
Y			bhalisa		
m			gqitha		
H			libolile		
d			intsimi		

IBANGA 2 | IKOTA 2 IFOMU YOHLALUTYO

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

IBanga 2 IKota 2

Ifomu yohlalutyo iyaqhubeka

Izandi 2.2.A	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke	Amagama 2.2.B	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
w			ingwe		
O			ingonyama		
U			unyana		
j			tatomkhulu		
k			ihlobo		
M			impumlo		
D			intsha		
r			tyhwatyhwa		
x			ikrwada		
z			ikrakra		
W			idyasi		
p			hlahlela		
k			ibuhlungu		
D			gxeka		
r			ithambo		
J			ibhasi		
xh			uhlolo		
V			irhali		
X			irandi		
th			umhlobo		
ph			gragrama		
B			itswele		
bh			intsila		
M			indzondo		
N			ingwevu		
n'g			ingcwaba		
dl			inyoka		
C			intywenka		
Q			ingqondo		
hl			bayaphaxulana		



INkqubo yoHlolo

IBANGA 2 IKOTA 2

I-ATP ehlaziyiweyo ibonelela ngovavanyo olusekwe esikolweni kwikota nganye. Ngokubhekiselele koku, ezi zakhono zilandelayo kunye neengcamango kufuneka zivavanywe kwiKota 2:

ICANDELO	UMSEBENZI
 Ukuphulaphula nokuthetha	Umamela amabali nemibongo aze achonge ingcamango ephambili iinkcukacha nokulandelelana kwebali.
 Izandi	Wakha amagama anoonobumba aba3, 4 naba5 esebenzisa izandi ezihlanga-nisiweyo zeekonsonanti ezifundiswe kule kota.
 Ukufunda nengqiqo nokuqonda	Ufunda ngokuvakalayo kwincwadi ekwinqanaba lakhe. Usebenzisa amagama abonakalayo, izandi, nezakhono zokudikhowuda zohlalutyo lwesakhiwo. Ufunda ngotyibiliko olongezekileyo nangemvakalelo. Uphendula imibuzo ngqo. Wenza uqikelelo. Ucwangcisa kwakhona iziganeko ngolandelelwano oluchanekileyo. Uthatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo.
 Ukubhala ngesandla	Ubhala bonke oonobumba abakhulu nabancinci ngokungadibanisi ngokuzithemba nangokuchanekileyo. Ushiya izithuba ezifanekileyo phakathi kwamagama.
 Ukubhala	Ubhala itekisi echazayo njengekhadi okanye ileta yombulelo. Ubhala ibali lakhe elimalunga nomhlathi om1 (izivakalisi ezi5) esebenzisa isakhelo sokubhala.

IMIZEKELO YEMISEBENZI YOHLLOLO

- Le misebenzi yohlolo iyilelwe ukuba yinxalenye yenkqubo yeNHLRP.
- Apho kufanelekileyo, iimvavanyo zoFVT lweNHLRP zibandakanyiwe njengenxalenye yenkqubo yohlolo.
- Le misebenzi yohlolo ingasetyenziswa njengoko injalo okanye ilungiselwe ukulungela iimfuno zesithili.



Ukuphulaphula nokuthetha

Umamela amabali nemibongo aze achonge ingcamango ephambili iinkcukacha nokulandelelana kwebali.

Umsebenzi

- Yenza oku kwiveki 5 okanye 6 ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala.
- Biza abafundi ngabanye beze kwidesika yakho.
- Buza umfundi ngamnye le mibuzo ilandelayo ngeBali kwiNgqokelela yamaBali iVeki 4: UBuhle usebenzisa izikrini:

Ukuchongwa kwengcamango ephambili

Imibuzo:

- Ucinga ukuba eli bali lingantoni?
- Ufunde ntoni kweli bali?

Iimpendulo:

- Akufuneki sichithe ixesha elininzi kwizikrini.
- Kufuneka silwenzele ixesha usapho nabahlobo.
- Ukuba sichitha ixesha elininzi kwizikrini, siphosa amaxesha amaninzi amnandi.

Ukukhumbula iinkcukacha

Imibuzo:

- Ngubani owayefuna uBuhle abhake?
- Ngubani owayefuna uBuhle adlale ibhola ekhatywayo?
- Ngubani owayefuna ukuva malunga neveki kaBuhle?

Iimpendulo:

- Umama wayefuna uBuhle abhake.
- USapho wayefuna uBuhle adlale ibhola ekhatywayo.
- Umakhulu wayefuna ukuva malunga neveki kaBuhle.

Ukulandelelaniswa kweziganeko.

Imibuzo:

- Yifowuni kabani eyasetyenziswa nguBuhle kuqala, walandelisa ngekabani, wagqibalisa ngekabani?

Iimpendulo:

- UBuhle wasebenzisa ifowuni kaMakhulu kuqala.
- UBuhle xa ephinda wasebenzisa ifowuni kaMama.
- Okwesithathu uBuhle wasebenzisa ifowuni kaTata.

IBANGA 2 | INKQUBO YOHLLOLO

Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukuchongwa kwengcamango ephambili	Ubunzima bokunika impendulo enye echanekileyo ngaphandle kwenkxaso evela kutitshala.	Umfundi unika impendulo enye echanekileyo.	Umfundi unika iimpindulo ezimbini ezichanekileyo.	Umfundi unika iimpindulo ezintathu ezichanekileyo.
Ukukhumbula iinkcukacha	Ubunzima bokunika impendulo enye echanekileyo ngaphandle kwenkxaso evela kutitshala.	Umfundi unika impendulo enye echanekileyo.	Umfundi unika iimpindulo ezimbini ezichanekileyo.	Umfundi unika iimpindulo ezintathu ezichanekileyo.
Ukulandelelaniswa kweziganeko	Ubunzima bokunika impendulo enye echanekileyo ngaphandle kwenkxaso evela kutitshala.	Umfundi unika impendulo enye echanekileyo.	Umfundi unika iimpindulo ezimbini ezichanekileyo.	Umfundi unika iimpindulo ezintathu ezichanekileyo.



Izandi

Wakha amagama anoonobumba aba3, 4 naba5 esebenzisa izandi ezihlanganisiweyo zeekonsonanti ezifundiswe kule kota.

- Kwiiveki 2–7 ngoolwesihlanu, abafundi bagqibezela umsebenzi wokwaKhiwa kwamaGama ofumaneka kwiNcwadi yokuFunda enguNdoqo.
- Ekupheleni kwesifundo sangoLwesihlanu qokelela iincwadi zabafundi ukulungiselela uhlolo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IBANGA 2 | INKQUBO YOHLLOLO

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Inani lamagama achanekileyo akhiwe ngeveki nganye	Ngokomyinge, umfundi wakha 0–3 samagama ngeveki nganye.	Ngokomyinge, umfundi wakha amagama ama4–6 kwiveki nganye.	Ngokomyinge, umfundi wakha amagama asi7–9 kwiveki nganye.	Ngokomyinge, umfundi wakha amagama ali10 nangaphezulu kwiveki nganye.
Ukusetyen-ziswa kwezandi ezihlanga-nisiweyo	Umfundi uyakuphepha ukwakha amagama aquka izandi ezihlanga-nisiweyo zeehonsonanti.	Umfundi uyakwazi ukwakha amagama aquka izandi ezihlanga-nisiweyo zezikhamiso.	Umfundi uwakha kakuhle amagama aquka izandi ezihlanga-nisiweyo zezikhamiso.	Umfundi uhamba phambili ekwakheni amagama aquka izandi ezihlanga-nisiweyo zezikhamiso.



Ukufunda

Ufunda ngokuvakalayo kwincwadi ekwinqanaba lakhe.

Usebenzisa amagama abonakalayo, izandi, nezakhono zokudikhowuda zohlalutyo lwesakhiwo.

Ufunda ngotyibiliko olongezekileyo nangemvakalelo.

Umsebenzi

- Oku kungenziwa kwiVeki 7 okanye 8.
- Ngexesha lokuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala, biza ilungu ngalinye leqela lizokukufundela ngabanye ngabanye.
- Cela umfundi afunde itekisi yeVeki 6 okanye 7 'yokuFunda ngokuVakalayo' kwiNcwadi yokufunda enguNdoqo.

Ukuphunyezwa

- Biza abafundi ngabanye ngabanye bakufundele itekisi ngokuvakalayo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IBANGA 2 | INKQUBO YOHLLOLO

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Izakhono zokudikhowuda	Umfundi udinga inkxaso yezandi eninzi kutitshala ukufunda igama elingaziwayo. Umfundi unobunzima ukwahlula amagama abe ngamalungu okanye izandi.	Umfundi uyazama ukusebenzisa izandi ukufunda amagama angaziwayo kodwa udinga inkxaso katitshala. Umfundi uyakwazi ukucazulula amagama abe ngamalungu nezandi ngenkxaso katitshala.	Umfundi usebenzisa izandi kunye nokwahlula izandi zibe ngamalungu ukubiza igama elingaziwayo kodwa udinga uncedo okuhlanganisa izandi zibe ligama.	Umfundi usebenzisa izandi kunye nokwahlula izandi zibe ngamalungu ukubiza igama elingaziwayo kwaye unamaxesha okuhlanganisa izandi zibe ligama.
Amagama asetyenziswa rhoqo	Umfundi wazi amagama asetyenziswa rhoqo ambalwa kakhulu.	Umfundi wazi amagama athile asetyenziswa rhoqo.	Umfundi wazi amagama asetyenziswa rhoqo amaninzi.	Umfundi ufunda amagama ngokuzenzekelayo.
Utyibiliko nemvakalelo	Umfundi unqumama rhoqo, uyawatsiba amagama kwaye ufunda igama negama. Umfundi akayithatheli ngqalelo imvakalelo.	Umfundi ufunda uninzi lwetekisi kodwa igama negama. Umfundi unika ingqalelo encinci okanye angayiniki kwimvakalelo.	Umfundi ufunda uninzi lwetekisi ngotyibiliko nangemvakalelo.	Umfundi ufunda itekisi ngotyibiliko nangemvakalelo elungileyo.



Inggqiqo nokuqonda

Uphendula imibuzo ngqo.

Wenza uqikelelo.

Ucwangcisa kwakhona iziganeko ngolandelelwano oluchanekileyo.

Uthatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo.

Umsebenzi

- Oku kungenziwa nangaliphi ixesha kwiVeki 4 ukuya kwiVeki 7.
- Sebenzisa ibali leNgqokelela yamaBali leveki edlulileyo.
- Zinzisa ikhosi bagqibezele umsebenzi obhaliweyo.
- Emva koko, bizela abafundi ngabanye ngabanye edesikeni yakho ukuzokugqibezela uhlobo.
- Cela abafundi baphendule 1–2 umbuzo ngayo nganye yezi ntlobo zemibuzo malunga netekisi:

Imibuzo ngqo ngeenkcukacha

1. Ubani...?
2. Intoni...?
3. Nini...?
4. Njani...?
5. Phi...?

Yenza uqikelelo

1. Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni elandelayo? Ngoba?
2. Ucinga ukuba ibali liza kuphela njani? Ngoba?

Ulandelelwano

1. Kwenzeke ntoni ekuqaleni kwebali?
2. Kwenzeke ntoni ekupheleni kwebali?
3. Kwenzeke ntoni emva kokuba...?
4. Kwenzeke ntoni kuqala: ... okanye...?

Ukuzithathela izigqibo ezisekelwe kulwazi olusebalini

1. Ungazithathela izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo ezithini nge... ukusuka...?
2. Ucinga njani...?
3. Kutheni ucinga...?

Hloola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IBANGA 2 | INKQUBO YOHLLOLO

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Imibuzo ngqo ngeenkukacha	Umfundi utsala nzima ukukhumbula iinkukacha ebalini, nkqu nangenkuthazo.	Umfundi ukhumbula ngokuchanekile zonke iinkukacha ebalini, ngenkuthazo ethile.	Umfundi ukhumbula ngoku-chanekileyo uninzi lweenkukacha ebalini.	Umfundi ukhumbula ngokuchanekile zonke iinkukacha ebalini.
Uqikelelo	Umfundi utsala nzima ukwenza uqikelelo olunengqiqo.	Umfundi uqikelela ngendlela eyamkelekileyo ngenkxaso katitshala.	Umfundi wenza uqikelelo olusengqiqweni kodwa utsala nzima ukuthethelela impendulo.	Umfundi wenza uqikelelo olulungileyo kwaye uyakwazi ukuthethelela impendulo.
Ulandelelwano	Umfundi utsala nzima ukulandelelanisa ngoku-chanekileyo iziganeko kwitekisi, nkqu nangenkxaso.	Umfundi ulandelelanisa ngoku-chanekileyo iziganeko kwitekisi ngenkxaso ethile.	Umfundi ulandelelanisa ngoku-chanekileyo iziganeko kwitekisi kodwa uthatha ixesha elithile.	Umfundi ulandelelanisa zonke iziganeko ngokukhawuleza nangoku-chanekileyo kwitekisi.
Ukuthatha izigqibo ngokusekelwe ebalini	Umfundi utsala nzima ukuthatha izigqibo ngokusekelwe ebalini ngomlinganiswa okanye isiganeko ebalini, nkqu nangenkxaso.	Umfundi uthatha isigqibo esifanelekileyo ngokusekelwe ebalini ngomlinganiswa okanye isiganeko ebalini, ngenkxaso.	Umfundi uthatha isigqibo esifanelekileyo ngokusekelwe ebalini ngomlinganiswa okanye isiganeko ebalini, ngaphandle kwenkxaso.	Umfundi uthatha isigqibo esilungileyo ngokusekelwe ebalini ngomlinganiswa okanye isiganeko ebalini, ngaphandle kwenkxaso.



Ukubhala ngesandla

Ubhala bonke oonobumba abakhulu nabancinci ngokungadibanisi ngokuzithemba nangokuchanekileyo.

Ushiya izithuba ezifanekileyo phakathi kwamagama.

Umsebenzi

- Yenza oku kwikota yonke ngexesha lezifundo zokuBhala ngesandla.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Ngexesha lezifundo, hambahamba ujonga izakhono zabafundi zokubhala ngesandla.
- Qaphela isakhono somfundi ngamnye sokwakha oonobumba ngokuchanekileyo, sokulawula ubungakanani kunye nezithuba phakathi kwamagama, kunye nokubhala ngesantya esifanelekileyo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukwakhiwa koonobumba	Umfundi utsala nzima amaxesha amaninzi ukukhumbula indlela echanekileyo yokuqala kunye necala aya kulo. Uninzi loonobumba bakhiwe kakubi okanye ababunjwanga kakuhle.	Umfundi ngamanye amaxesha utsala nzima ukukhumbula indlela echanekileyo yokuqala kunye necala aya kulo. Abanye oonobumba bakhiwe kakubi okanye ababunjwanga kakuhle.	Umfundi uyazazi iindlela zokuqalisa ezichanekileyo zokuqalisa kunye necala aya kulo. Oonobumba bakhiwe ngokuchanekileyo kodwa ucoceko lufuna ukunikwa ingqalelo.	Umfundi uyazazi iindlela zokuqalisa ezichanekileyo zokuqalisa kunye necala aya kulo. Oonobumba bakhiwe ngokuchanekileyo nango-kucocekileyo.
Isithuba phakathi kwamagama	Izithuba phakathi kwamagama ziyafana kwaye zikhulu okanye zincinci.	Izithuba phakathi kwamagama ngamanye amaxesha azilingani kwaye / okanye izithuba zingazikhulu okanye zibe zincinci.	Izithuba phakathi kwamagama ngamanye amaxesha azilingani okanye zikhulu kakhulu okanye zincinci.	Izithuba phakathi kwamagama zisoloko zifanelekile.



Ukubhala

Ubhala itekisi echazayo njengekhadi okanye ileta yombulelo.

Ubhala ibali lakhe elimalunga nomhlathi om1 (izivakalisi ezi5) esebenzisa isakhelo sokubhala.

Umsebenzi 1

- Yenza oku ngexesha lezifundo zokuBhala kwiVeki 4.
- Sebenzisa izifundo ozinikiweyo kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP sabafundi ukubhalela umhlobo ileta okanye iposkhadi.
- Ekupheleni kwesifundo sangoLwesihlanu, qokelela iincwadi zabafundi zohlolo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

Umsebenzi 2

- Yenza oku ngexesha lezifundo zokuBhala kwiVeki 2 okanye 3.
- Sebenzisa izifundo ozinikiweyo kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP sabafundi ukubhala ibali elingumhlathi om1 ubuncinane usebenzisa isakhelo sokubhala.
- Ekupheleni kwesifundo sangoLwesihlanu, qokelela iincwadi zabafundi zohlolo.

IBANGA 2 | INKQUBO YOHLLOLO

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukuvelisa imihlathi eyeyakhe	Ingcamango akukho lula ukuyiqonda okanye asiyoyentsusa – umzekelo katitshala ukhutshelwe.	Ingcamango iyalandeleka kwaye yeyentsusa, nangona ifana nomzekelo.	Ingcamango yeyomfundi kwaye yeyentsusa.	Ingcamango yeyomfundi, yeyentsusa kwaye ibonakalisa ubuchule.
Isakhiwo sesivakalisi	Umfundi wenza iimpazamo ezi3 nangaphezulu malunga nesakhiwo sesivakalisi.	Umfundi wenza iimpazamo ezi2 ezimalunga nesakhiwo sesivakalisi.	Umfundi wenza iimpazamo e1 emalunga nesakhiwo sesivakalisi.	Umfundi wakha zonke izivakalisi ngoku- chanekileyo.
Ubude	Ileta nomhlathi zimfutshane kakhulu kwaye azigqitywanga.	Ileta okanye umhlathi imfutshane kakhulu okanye ayigqitywanga.	Ileta nomhlathi zigqityiwe kodwa enye yazo inobufutshane.	Ileta nomhlathi zigqityiwe kwaye zinde ngoku- chanekileyo.
Iimpawu zokubhala	Umfundi utsala nzima ukusebenzisa oonobumba abakhulu kunye nezingxi ngoku- chanekileyo, nkqu nangenkxaso.	Umfundi usebenzisa oonobumba abakhulu kunye nezingxi ngoku- chanekileyo, kodwa utsala nzima ngezinye iimpawu zokubhala.	Umfundi uqhele ukusebenzisa zonke iimpawu zokubhala ezifundisiweyo ngoku- chanekileyo.	Umfundi ngamathuba amaninzi usebenzisa iimpawu zokubhala ezifundisiweyo ngoku- chanekileyo.
Ukusetyenziswa kwezichazi	Umfundi utsala nzima ukufakela izichazi kwizivakalisi.	Umfundi ngamanye amaxesha ufakela izichazi ezifanelekileyo kwizivakalisi.	Umfundi ufakela izichazi ezifanelekileyo kwizivakalisi njengoko kufuneka.	Umfundi ufakela izichazi ezinika umdla kwizivakalisi njengoko kufuneka.

IBANGA 2 | AMAPHEPHA OKUREKHODA O-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

IBanga 2

Iphepha lokurekhoda loFVT: Ukufunda amagama

[illegible]

IBANGA 2 | AMAPHEPHA OKUREKHODA O-FVT[illegible]

